Ingcwadi Yokwalusa Yobizo Ye Dayosisi Yase Oudtshoorn 2018

Bazalwane nooDade abathandekayo kuKrestu ovukileyo,

Kwintlanganiso yeDiocesan Pastoral Council kulenyanga iphelileyo ndithe idayosisi yethu ijamelene nexesha elinzima kubizo lwabapriste nabo baphila ubomi bezifungo. Kuleminyaka esixhenxe idlulileyo mnye kuphela umpriste othe wathanjiswa, okwangoku sinomfana omnye kuphela eseminari. Ingaba kokufunwa nguThixo oku? Andikholwa. uThixo ufuna ukuyisikelela iTyalike yakhe ngabapriste abaninzi namangqina aphila ubomi bezifungo, ubomi obunikelwe kwizifungo zobuhlwempu, ubunyulu, nokuthobela. Kodwa kutheni kukho ukungqongophala kwamabizo?

Kungekudala ndifunde ukuba xa uYesu esithi kwiVangeli 'Baninizi ababiziweyo kodwa bambalwa abanyuliweyo' ngolwimi lwesi Aramaic okuyithetho kaYesu kungathetha ukuthi 'baninzi ababiziweyo kodwa bambalwa abakhethayo.' Masicangce ngoku okomzuzwana. Baninzi ababiziweyo kodwa bambalwa abakhetha ukusabela olubizo. **UThixo uyabiza kodwa abantu abaninzi bakhetha ukujonga ndlela zimbi.**

Ngokoke namhlanje asithandazeli ubizo kubupriste nobomi bezifungo kangako, ntonje ukuba abantu abatsha bangamamela olobizo ngenyameko, ukuba uphakathi ungabancedisa ukunakana ubizo nokuba iNkosi ingabanika ububele bentliziyo nokholo olunzulu lokwazi ukuba, ukuba ngumpriste nokuba ngusister okanye ubrother igabubomi obugqibeleleyo.

Zintathu izinto ezinganceda abantu abatsha ukunaka ukuba bakhethe ubupriste okanye obomi bezifungo.

Okokuqala bubomi obulungileyo bosapho. Ewe usapho oluthandaza kunye luhlala kunye. Usapho apho kukho uthando, apho amalungu osapho athi akhathalelane, asebenzisana, encedana enoxanduva ekwakheni usapho. Imeko apho abantu abatsha bakhuliswa ngokuthi bancame iminqweno yabo becingela izidingo zabanye. Usapho olunjalo lingatshilelwa ukuliva ilizwi leNkosi.

Okwesibini ubomi obulungileyo bebandla. Ibandla elihlangana rhoqo ngecawe kwiDini leMisa lusapho. Iinqila ezihlangana njalo evekini ukuthandaza lusapho. Ingaba kukho uthando lwenene emabandleni ethu? Siyakhathalelana na? Siwenza kunye na umsebenzi wolusapho okanye siwuyekela kwabambalwa? Umntu othile wakhalaza ngenye imni. Soloko igabantu abathile abenza izinto ecaweni. Ngamanye amaxesha ingangumntu owenza umsebenzi othile iminyaka emininzi engafuni ukunika ithuba kwisizukulwana esitsha. Hayi ibandla ngumphakathi wezikhonzi. Omnye nomnye wethu uthabatha umsebenzi othile ukulungeni kwebandla. Sinoxanduva omnye komnye. Siyancedana, siyakhuthazana, asigwebani, asibakhethi abanye, akukho khupiswano, asiqhayisi. Ebandleni singabakholwayo, abathandazayo nosapho olukhathalayo.

Okwesithathu abapriste abangcwele nabonwabileyo. Njengoko esitsho uPapa uFrancis , asingeke sishumayele iindaba ezilungileyo ngobuso obusangeneyo. Xa abantu abatsha bengaboni bungcwele benene kuba priste angekhe bawuqonde umtsalane wobupriste nobomi bezifungo. Umpriste ongcwele nowonwabileyo esiyena obonakalisa okona kuhle,

owenza ingathi ungcwele. Asinguye odumileyo kunabanye, ingenguye onguyena mcwangcisi wezinto, umpriste ontlelo ziyimpumelelo, eyena okwaziyo ukushumayela. Hayi ezinye zezi zinto zinokwenzeka kodwa asibubo. Umpriste ongcwele ngofana noKrestu kwizinto azithethayo nazenzayo. Ungomnye uKrestu. uYesu weyenomtsalane abantwini, wayebatsalela kuye abantu. Ngokunjalo nabantu abatsha namhlanje batsalelwa kuKrestu abambona kumpriste.

Yizani musani ukoyika ukubuza ukuba ingaba uThixo uyakubiza na, wena mntu omtsha ukuba ube ngumpriste okanye usister okanye ubrother. Bazali abathandekayo musani ukubalela abantwana ukumamela olubizo lomntwana wakho. uThixo unesisa, uzakusikelela wena neTyalike nelizwe ngobuninzi. Baninzi ababizelwa ululandela uKrestu ebupristeni nokubomi bezifungo. Masithandaze ukuba abaninzi kwidayosisi yethu bakhethe ukusabela olubizo.

Umalusi olungileyo asikhokhele emedlelweni aluhlaza.

+ Bishop Frank de Gouveia